Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
# IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

Le memorandam inamaphepha asi-9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**ISICATSHULWA A**

1.1 Yimpucuko yaseNtshona. √ (1)

1.2 NguTsidi √ no KC. √ (2)

1.3 Kungokuba baleqa iinkqubo zikamabonakude √√/ kungokuba baleqa ii-*soapies*. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

1.4 'Oomakhulu bangoku abasabalisi zintsomi...'√ (1)

1.5 Kuphuhlisa ukuba ii-*soapies* zibukelwa nangabantu asele bekhulile √√/ kuphuhlisa ukuba ukubukela ii-*soapies* akukhethanga minyaka nabudala. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

1.6 Ukutya akuphekwa ngokukuko, kudadiswa emanzini okanye emafutheni, loo nto ingachaphazela impilo yabantu abaza kutya oko kutya. √√ (2)

1.7 SisiZulu. √√ (2)

1.8 Umbhali uveza ukuba nangona umabonakude unegalelo elikhulu ekufundiseni ulwazi nasekuphuculeni unxibelelwano kubantwana, kodwa ukwanguye nonobangela wokuba abantwana balahlekwe ngawona magama amkelekileyo kulwimi lwesiXhosa. √√ (2)

1.9 Ukubaleka emva kwabo kuthetha ukusoloko ubagadile/ubalusile uqinisekisa ukuba bayakwenza abafanele ukukwenza, ngexesha elifanelekileyo. √√ (2)

1.10 Kutyhila ukuba akwenzeki izinto ezintle kuphela ebantwaneni xa besesikolweni, nezimbi zinako ukubehlela. √√ (2)

1.11 Ndiyangqinelana, kuba basoloko beqwalasele umabonakude bangalifumani ixesha lokolula imizimba ngokudlala. √√

**OKANYE**

Andingqinelani, kuba ukubukela umabonakude kuyabakhulisa ngokwasengqondweni ngokufunda izinto abebekade bengazazi. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

1.12 C √√/ C. Sisivumelanisi senjongosenzi √√/ sisivumelanisi senjongosenzi. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

1.13 Ndifunde ukuba umabonakude uluncedo ukwenza unxibelelwano phakathi kwamazwe ngamazwe. √√/ ndifunde ukuba umabonakude unalo igalelo ekuphuculeni ulwazi lolwimi kubantwana. √√/ ndifunde ukuba umabonakude uyabalibazisa abantu bangakwenzi oko bekufanele ukuba bayakwenza. √√/ ndifunde ukuba umabonakude uyabadodobalisa abantwana. √√/ ndifunde ukuba umabonakude wenza ukuba lungabikho unxibelelwano phakathi kweentsapho. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

## ISICATSHULWA B

1.14 Ayaxhentsa. √ (1)

1.15 Aphakamisele imilenze phezulu √/ aphakamise imilenze. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

1.16 'Kubalulekile ukukhuthaza ukudlala ebantwaneni ngaphezulu kokubukela umabonakude, ngakumbi xa behleli nabahlobo babo.' √√ (2)

1.17 Indlela eyiyo yokukhula kwabantwana yile yabantwana abakwisicatshulwa B, kuba kubalulekile ukuthi xa bekhula abantwana banxibelelane, badlale nabanye √√/ yile ikwisicatshulwa B, kuba le ikwisicatshulwa A yenza kungabikho lunxibelelwano phakathi komzali nomntwana. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

## UMBUZO 2

## UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7 (Ingongoma nganye linqaku).
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

**QAPHELA**

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Yinto eqhelekileyo ukuba umntwana azive enxunguphele kwaye ezibekile...' | 1. | Ixhaphakile into yokuba umntwana anxunguphale okanye abe nomoya ophantsi ngamanye amaxesha. |
| 2. | 'Uninzi lwethu luye lakwiimeko apho umntwana ezimela xa kukho iindwendwe okanye ajame xa ebuliswa, kwaye abanye abafuni ukujongana nomntu ngamehlo...' | 2. | Abazali abaninzi bakhe bahlangana nemeko yabantwana abaneentloni xa kufika iindwendwe. |
| 3. | 'Abantwana abafani kwaye kufuneka yamkelwe indlela abayiyo kuba ubuchule bokubaphakathi kwabantu abudalwanga, bufuneka bufundiswe.' | 3. | Mayamkeleke into yokuba abantwana abafani, kwaye kufuneka bafundiswe indlela yokukwazi ukuhlala nabantu. |
| 4. | 'Kufuneka uyiqwalasele indlela umntwana aziphatha ngayo, ngaphambi kokuba uthi uneentloni.' | 4. | Kubalulekile ukujonga indlela aziphatha ngayo umntwana, ungekathi uneentloni. |
| 5. | 'Ukuba umntwana wakho akanabo ubuchule bokuba phakathi kwabantu, luxanduva lwakho ukuba umfundise ngaphandle kokumgweba.' | 5. | Xa umntwana engakwazi ukuhlalelana nabantu kufanele afundiswe ngendlela ephucukileyo. |
| 6. | 'Kucetyiswa ukuba abazali babalise awabo amabali okuba benze njani ukuphelisa iintloni, bakhuthaze abantwana ukuba baqalise ukuzixuba nabanye ...' | 6. | Abazali mabeze nawabo amava ngokuphelisa iintloni bakhuthaze abantwana baziqhelanise nabanye. |
| 7. | 'Ayikokuphela kwehlabathi xa umntwana eneentloni, kodwa ukuba ziyaqatsela kuza kufuneka umzali afune uncedo kwiingcali.' | 7. | Mayamkeleke into yomntwana oneentloni, kodwa zakubaxeka umzali makafune uncedo kwabanolwazi. |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Ixhaphakile into yokuba umntwana anxunguphale okanye abe nomoya ophantsi ngamanye amaxesha. Abazali abaninzi bakhe bahlangana nemeko yabantwana abaneentloni xa kufika iindwendwe. Mayamkeleke into yokuba abantwana abafani, kwaye kufuneka bafundiswe indlela yokukwazi ukuhlala nabantu. Kubalulekile ukujonga indlela aziphatha ngayo umntwana, ungekathi uneentloni. Xa umntwana engakwazi ukuhlalelana nabantu kufanele afundiswe ngendlela ephucukileyo. Abazali mabeze nawabo amava ngokuphelisa iintloni bakhuthaze abantwana baziqhelanise nabanye. Mayamkeleke into yomntwana oneentloni, kodwa zakubaxeka umzali makafune uncedo kwabanolwazi.

**[70 amagama]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
    - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
    - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
    - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
    - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
    - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1 Save the children. √ (1)

3.2 Kubazali √/ kuye wonke umntu√/ kubantwana. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

3.3 Kukugxininisa ukuba le ntengiso ingabantwana. √√ (2)

3.4 Ndiyangqinelana, kuba izinto ezininzi ezinobungozi zisemakhayeni abo √√/ndiyangqinelana, kuba ukuxhaphazeka kwabantwana kuxhaphake emakhayeni abo. √√

**OKANYE**

Andingqinelani, kuba olona khuseleko lululo lwenzeka umntwana xa esekhayeni lakhe √√/ andingqinelani, kuba ngaphandle kwekhaya kugcwele izihange ezinokwenzakalisa abantwana. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

3.5 'Bakhuseleka' √√ (2)

3.6 Igama elibhalwe ngoonobumba abakhulu lithi 'abantwana', kanti nomfanekiso uveze umntwana. √√ (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Bakwigumbi lokuhlala √, kuba kukho isitulo nomabonakude√/ bakwigumbi lokuphumla √, kuba kukho isitulo nomabonakude √/ basendlwini √, kuba kukho isitulo nomabonakude √/ bakwigumbi lokubukela umabonakude √, kuba kukho isitulo nomabonakude. √

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

4.2 Libonakalisa ukugxininisa √√/ lubonakalisa ukubethelela uluvo. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

4.3 Bafuna ukubukela iinkqubo ezahlukeneyo ngaxesha-nye √√/ wonke umntu ujolise irimowuthi kumabonakude. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

4.4 B √/ B. Ndimamelisise √/ Ndimamelisise. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

4.5 Abonisa ukungapheleli kwentetho √/ abonisa ukuba akagqibanga ukuthetha √/ abonisa ukuba intetho isaqhubeka. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

4.6 Andingqinelani, kuba ukuthengisa i-TV akuzi nasisombululo √√/ andingqinelani, kuba kufanele bathetha-thethane ukuze bevane ngamaxesha okubukela √√/ andingqinelani, kuba uza kusokola yena kuqala. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

5.1 Intlonipho. √ (1)

5.2 Onayo. √ (1)

5.3 Liphuhlisa intsingiselo yokusondela kweentsuku zokusweleka. √/ liphuhlisa ukuba kufutshane kokusweleka. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

5.4 Alizanga langabi naziphumo √/ alizanga langabi nantsingiselo √/ alizanga langakhathalelwa. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

5.5 Abaya kwenza. √ (1)

5.6 Umbhali uthe **u** √ nalo mcamango kuba **e** √ sazi ukuba imbeko yendele nangaphezu kobuthixo kwaXhosa. (2)

5.7 Siphambi kwesibizo √/ sandulela isibizo √/ sikhokhele isibizo. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

5.8 Kuyathiywana ngamakrwala xa efikelela kwinqanaba lobudoda, kaloku indoda kufuneka inegama elitsha √√/ kuyathiywana ngamakhwenkwe adlala ibhola, apho kusetyenziswa amagama eendumasi zebhola. √√

**(Nasiphi na isivakalisi esinentsingiselo ebonisa ukuthiywa kwegama)** (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**